**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |
| ICANDELO D: | Uncwadi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu 50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu 30 |
| ICANDELO C: | Imizuzu 40 |
| ICANDELO D: | Imizuzu 30 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**IINCINIBA**




**UMHLATHI 1**

Inciniba yeyona ntaka inkulu ehlabathini, kwaye ibaleka ngesantya esiphezulu kunazo zonke ezinye iintaka. Ishishini leenciniba libaluleke kakhulu eMzantsi Afrika. Eli shishini lidala amathuba amaninzi emisebenzi, nemveliso yeenciniba ithunyelwa kumazwe aphesheya kwaye oku kubangela ukuba uMzantsi Afrika ufumane imali eninzi.

**UMHLATHI 2**

Nangona iinciniba zingakwazi ukubhabha, ziyakwazi ukubaleka ngesantya esifika kwiikhilomitha ezingamashumi asixhenxe ngeyure. Iinyawo zazo ezinde zona zinceda ekubalekeni ngokukhawuleza. Amaphiko enciniba asetyenziswa ekupholiseni umzimba wayo xa kushushu kwaye asetyenziswa nasekubalekeni ukuze ingawi.

**UMHLATHI 3**

Izinto ezityiwa ziinciniba ziquka: amagqabi, iziqhamo, iintyatyambo neembewu. Ngamanye amaxesha zitya izinambuzane ezinjengeentethe. Iinciniba azinamazinyo yiyo loo nto zithanda ukutya amatye. La matye anceda ekusileni ukutya esiswini senciniba.

**UMHLATHI 4**

Amantshontsho eenciniba athatha iinyanga ezili-18 ukuba ziinciniba ezindala. Zingaqala ukuzala xa zineminyaka emibini ukuya kwemine. Ubukhulu beqanda lenkukhu ziisentimitha ezintandathu, kodwa iqanda lenciniba likhulu kathathu kwelenkukhu. Ubunzima beqanda lenciniba buyi-1,4 kg. Umntu angagalela amaqanda enkukhu angama-24 kwiqanda elinye lenciniba. Kuthatha iyure ukulipheka lithambe iqanda lenciniba.

**UMHLATHI 5**

Iimazi zenciniba zibeka amaqanda kwindawo elawulwa yinciniba ephambili. Amaqanda angama-40 ukuya kuma-60 angafunyanwa kule ndawo. Amantshontsho avela emva kweentsuku ezingama-35 ukuya kuma-45 ezelwe. Amantshontsho azalwa eneentsiba kwaye ekwazi ukuhamba. Ezi ntsiba zikhusela la mantshontsho kwimozulu eshushu.



**UMHLATHI 6**

Iinciniba zifunyanwa kwiindawo ezininzi eMzantsi Afrika, kodwa uninzi lwazo lufumaneka eLittle Karoo, kuba zithanda iindawo ezomileyo nezinesanti. Abafuyi bafuya iinciniba ngenjongo yokuvelisa iintsiba, inyama, ufele namanqina. Ezi zinto zithengiswa kwilizwe jikelele.

**UMHLATHI 7**

Iinciniba zinozipho olulukhuni elunyaweni. Iinciniba ziyakwazi nokukhaba ngemilenze yazo xa zisilwa. Inkunzi yenciniba ineentsiba ezimnyama namhlophe. Imazi yona ineentsiba ezingwevu namhlophe.

**UMHLATHI 8**

Ngokoluvo lomfama owaziwayo kwishishini leenciniba uGert Koekemoer, kubalulekile ukuzigcina zisempilweni iinciniba, ukuze zikhuseleke kwiAvian Flu. Xa inciniba ifumene isifo iAvian Flu kufuneka ibulawe kwaye itshiswe emlilweni.

Ukuba ufuna ukukhwela inciniba qala ngokufaka ingxowa kwintloko yayo. Emva koko beka imilenze yakho phantsi kwamaphiko ayo. Susa ingxowa kwintloko yenciniba uyiyeke ibaleke.



[Sikhutshwe kwi*Huisgenoot Skooltake 2015* saguqulelwa saze sahlelwa]

JONGA KUMHLATHI 1

1.1.1 Yeyiphi eyona ntaka inkulu ehlabathini? (1)

1.1.2 Yinyaniso okanye bubuxoki? Inciniba yeyona ntaka inamendu amakhulu? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.3 Ishishini leenciniba lidlala eyiphi indima eMzantsi Afrika? (2)

JONGA KUMHLATHI 2

1.1.4 Iinciniba zibaleka iikhilomitha ezingaphi ngeyure? (1)

1.1.5 Iinciniba zincedwa yintoni ukuze zibaleke ngesantya? (1)

1.1.6 Nika imisebenzi EMIBINI yamaphiko enciniba. (2)

JONGA KUMHLATHI 3

1.1.7 Chaza isizathu sokuba iinciniba zitye amatye. (1)

JONGA KUMHLATHI 4

1.1.8 Mangaphi amaqanda enkuku anokugalelwa kwiqanda elinye lenciniba? (1)

JONGA KUMHLATHI 5

1.1.9 Amantshontsho enciniba aqala nini ukuhamba? (1)

1.1.10 Kufunyanwa amaqanda amangaphi kwindawo ezibeka kuyo amaqanda iinciniba? (1)

UMHLATHI 6

1.1.11 Nika iimveliso eziMBINI ngaphandle kwenyama ezithengiswa ngabafuyi beenciniba. (2)

JONGA KUMHLATHI 7

1.1.12 Chaza umahluko kwinkangeleko yenkunzi yenciniba nowemazi yenciniba. (2)

JONGA KUMHLATHI 8

1.1.13 Ngoobani abanokujongana neengxaki xa iinciniba zifumene isifo iAvian Flu? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.14 Nika izinto ekufuneka uzenze xa ufuna ukukhwela inciniba. (3)

1.1.15 Ungathanda ukukhwela inciniba? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 Jonga kulo mfanekiso uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Lo mfanekiso uthathwe kwi*Huisgenoot Skooltake 2015* waze wahlelwa]

1.2.1 Zingaphi iincwadi kulo mfanekiso? (1)

1.2.2 Yintoni ebonisa ukuba ngumntwana wesikolo lo ukulo mfanekiso? (1)

1.2.3 Yincwadi yesiphi isifundo ebanjwe ngumntwana? (1)

1.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi.
Ingaba inkangeleko yobuso balo mntwana ibonisa oluphi uvakalelo?

A Wonwabile
B Ukhathazekile
C Uyavuya
D Uqumbile (1)

1.2.5 Ngawaphi amacebo AMABINI anokunceda lo mntwana? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze ubhale uluhlu lweengongoma EZISIXHENXE onokuchazela ngazo iimbaleki **ukuze zisinde kwiingozi ezinokubehlela ezindleleni**.

**QAPHELA:**

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXE ngezivakalisi ezizeleyo.
2. Sebenzisa amazwi akho.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7.
4. Bhala isivakalisi ngasinye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

**ISICATSHULWA C**

**UKHUSELEKO LWEEMBALEKI EZINDLELENI**

Zininzi iingozi ezifunyanwa ziimbaleki ezindleleni. Unobangela woku kukungakhathali kwabaqhubi, iimbaleki nabanye abasebenzisi beendlela. Nazi iingcebiso ezinokusindisa iimbaleki kwingozi ezindleleni.

**Shiya umyalezo**

Xa usiya kubaleka endleleni, kufuneka uxelele abantu ohlala kunye nabo. Ungashiya umyalezo kusapho lwakho ulucacisele ngendawo oza kubalekela kuyo kunye nexesha oza kubuya ngalo.

**Iinkcukaca zakho**

Xa usiya kubaleka kubalulekile ukuphatha incwadi yakho yesazisi, iselulafoni kunye nephepha elineenombolo zokuqhagamshelana nabantu abakwaziyo.

**Iimpahla ezifanelekileyo**

Iimpahla ezinxitywa ziimbaleki zidlala indima ebalulekileyo kukhuseleko lwazo. Iimbaleki mazinxibe iimpahla ezikhazimlayo okanye ivesti ebuyisa ukukhanya.

**Icala lendlela omele ukubaleka kulo**

Abantu abaninzi bayathanda ukubaleka kwicala langasekhohlo endleleni. Oku kubangela ukuba iimoto ziphele zisiza ngasemva kubo. Kunzima ukuphepha iimoto ezivela ngasemva. Yiyo loo nto kubhetele ukuba iimbaleki zibaleke kwicala langasekunene.

**Izincedisi zokumamela (*ii-earphones*)**

Kubhetele ukubaleka ngaphandle kwezincedisi zokumamela okanye umntu afake isincedisi sokumamela esinye kwindlebe enye kuphela, ukuze abe nakho ukuva kakuhle.

**Ukubaleka ebusuku**

Iimbaleki ezibaleka ebusuku ngaphandle kokuphatha ithotshi zizifaka engozini kuba kunzima ukubona umntu obaleka ecaleni kwendlela ebusuku.

**Ubungozi botywala**

Iingozi zingenzeka lula ukuba iimbaleki okanye abanye abasebenzisi beendlela baphantsi kweempembelelo zotywala.

[Isicatshulwa sithathwe kwiRunnersworld.com saguqulelwa saze sahlelwa]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Qwalasela esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo engezantsi.

### ISICATSHULWA D





[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za waza wahlelwa]

| | | |
|---|---|---|
| 3.1 | Yeyiphi imveliso ethengiswa apha? | (1) |
| 3.2 | Nika isichasi seli gama: 'Intsha'. | (1) |
| 3.3 | Sithini isilogani sesi sibhengezo-ntengiso? | (1) |
| 3.4 | Yimalini le mveliso ithengiswa apha? | (1) |
| 3.5 | Esi sibhengezo-ntengiso sijolise koobani? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 3.6 | Lungisa iziphene kwesi sivakalisi: | |
| | Ivumba ze-orenji simnandi. | (2) |
| 3.7 | Khetha amagama afanelekileyo kula akwizibiyeli. | |
| | IDettol (lelona/yeyona) mveliso (yokuhlamba/lokuhlamba) inuka kamnandi. | (2) |
| | | **[10]** |

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E




[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za, waza wahlelwa]

4.1 Ngoobani abangaphakathi kule moto? (2)

4.2 Bhala lo myalelo ube kwisininzi: 'Fika uphila.' (1)

4.3 Yintoni ebonisa ukuba le moto ayihambi kakuhle? (1)

4.4 Lungisa isivumelanisi sentloko esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.

Isantya iyabulala. (1)

4.5 Nika umyalezo ofumaneka kule khathuni. (2)

4.6 Bhala esi sivakalisi sibe kwixesha elidlulileyo:

Uza kufa. (1)

4.7 Ucinga ukuba kutheni uKufa ehleka kule khathuni? (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda lo mhlathi ulandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

**ISICATSHULWA F**

**UKUBALULEKA KWAMANZI**

Zimbalwa kakhulu izinto ezinokuphila <u>ngapandle</u> kwamanzi. Amanzi siwafumana ngokuthi kune imvula kuzale imilambo. Le yeyona ndlela abantu basemaphandleni abafumana ngayo amanzi. Kaloku bafumana amanzi acocekileyo akhongozelwa ngamatanki. Amanye amanzi emvula aqokelelwa kumachibi amakhulu.

Akho <u>nemanzi</u> afumaneka kuba ephuma emthonjeni phantsi komhlaba. Zonke ezi meko zezokuba sifumane amanzi asetyenziswa emakhaya. Nasezidolophini akho amatanki amakhulu ekugcinwa kuwo amanzi. Kulapho ke amana ehlaziywa ecocwa phambi kokusetyenziswa ngabantu. Ezidolophini ahanjiswa ngemibhobho ukuze afumaneke kwiimpompo.

Amanzi aluncedo kwimizimba yethu kuba acoca igazi anciphise nezifo. Xa siwasele acoca izintso zethu aze aphungule neetyuwa ezingafunekiyo. Kwiilali ezininzi sele kusetyenziswa amanzi eetephu kule mihla. Kwezinye iingingqi amanzi akhiwa emilanjeni nasemthonjeni.

[Sithathwe kwincwadi: <u>Sichumile IsiXhosa</u>: JM Lekhehle EL Mawisa BL Vazi]

5.1.1 Bhala phantsi isimaphambili seli gama: imilambo (1)

5.1.2 Chonga izibizo EZIBINI kwesi sivakalisi.

Kaloku abantu bafumana amanzi acocekileyo. (2)

5.1.3 Lungisa igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.

(a) Ezi mpompo <u>zihle</u> kakhulu. (1)

(b) Amanzi <u>ampompwa</u> ngabasebenzi. (1)

5.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.
Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi likwesiphi isixando?

Amanzi aluncedo kwimizimba yethu kuba <u>anciphisa</u> izifo.

A Isixando sokwenzela.
B Isixando sokwenzisa.
C Isixando sokwenzana.
D Isixando sokwenziwa. (1)

5.1.5 Eli gama lakhiwe kwesiphi isibizo? 'ezidolophini'.

Umzekelo: 'emilanjeni' = imilambo (1)

5.1.6 Chonga isithetha-ntonye seli gama, 'ekulondolozwa' kumhlathi wesibini. (1)

5.1.7 Yakha isibizo kwesi senzi:

-phila (1)

5.1.8 Bhala isilanduli segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwezi zivakalisi zilandelayo.

(a) Amanzi asetyenziswa kakhulu ngabantu. (1)

(b) Ngabantu aba. (1)


5.1.9 Lungisa upelo kula magama 'ngapandle', 'nemanzi' akrwelelwe umgca ngaphantsi kwitekisi. (2)

5.1.10 Bhala phantsi umbuzo oza kunika le mpendulo.

Amatanki amakhulu agcina amanzi. (1)

5.2 Qwalasela lo mfanekiso uhamba netekisi uze uphendule imibuzo engezantsi.

**ISICATSHULWA G**




[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

5.2.1 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli kwesi sivakalisi:

'Mama, (nasi, nantsi, nali) ingxelo yesikolo.' (1)

5.2.2 Chonga isifanekisozwi kwintetho kamama. (1)

5.2.3 Lungisa isivumelanisi senjongosenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi:

Andi<u>yi</u>phumelelanga olu viwo. (1)

5.2.4 Bhala eli binzana libe kwisinye:

Ezi ziphumo. (2)

5.2.5 Bhala esi sivakalisi sibe kwimo evumayo:

Awusebenzanga. (1)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

## ICANDELO D: UNCWADI

### IMIYALELO NENGCAGCISO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha *UNGODONGWANA* uze uphendule UMBUZO 6.
- Ukuba ukhetha *IHOLIDE EBIWEYO* uze uphendule UMBUZO 7.

### UMBUZO 6: *UNGODONGWANA* – PM Ntloko

6.1 Funda esi sicatshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| UNODUNGE: | Nkosi! Ndidane ndada ndadideka, kuba isemhlotsheni ngoku into yokuba bebebhunga ngokubulawa kukaNkosi uJobe. UTana ufuna ubukhosi, ukuze ahlale esihlalweni sikayise. NoNgodongwana uyamsekela kule njongo. Ewe yena uTana imfanele into yobukhosi njengendlalifa. Kodwa ke makasifumane isihlalo ngendlela engcole ngolu hlobo? |
| UNAKANOZENZA: | Hayi wethu, mus' ukuzikhathaza ngale nto. Seyinjalo woba sayithini? Okuthethiweyo kufana nokudaliweyo. Yilibale. |
| UNODUNGE: | Hayi andinakuyilibala into enje. Ndifanelwe kukuyimela ngeenyawo. |
| UNAKANOZENZA: | Njani? Kutheni ngathi ufuna ukuphoxa ngomntwan' am nje umenze onolwimi? |
| UNODUNGE: | Hayi ndiya kuyihlebela inkosi, kodwa igama likaNozenza alisayi kuvela emcimbini. Kunyanzelekile ukuba uJobe mandimlumkise hleze avelelwe luhlaselo, alahlekelwe bubomi bakhe ngesi sizathu. Ndiya kudliwa sisazela xa efe bendivile ukuba uyacetywa ngoonyana bakhe. Ndiyaya ngoku. |

6.1.1 Chaza uvakalelo lukaNodunge kwintetho yakhe yokuqala uxhase impendulo yakho. (2)

6.1.2 Ngoobani ababebhunga ngokubulawa kukaNkosi uJobe? (2)

6.1.3 Chaza isizathu sokuba kube nzima kuNodunge ukulibala ngecebo lokubulala uNkosi uJobe. (2)

6.1.4 Ngubani oze neendaba zecebo lokubulala uNkosi Jobe? (1)

6.1.5 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho echanekileyo ekuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (e) = (vii)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Heyi! Betha ntombazana ixesha lihambile thina asikaneli. | (i) UJobe |
| (b) Hamba nabelusi ukuze bakukhokelele emadlelweni. | (ii) UNgodongwana |
| (c) Ewe, nkosi, ndimbonile bendisazama into yokunqand'unxano. | (iii) UBhungane |
| (d) Khwaza uthi abantu mabazivalele ezindlwini. | (iv) UTana |
| | (v) UMawewe |
| | (vi) UMaMbamba |

(4)

6.1.6 Kutheni unakaNozenza engafuni uJobe axelelwe ngecebo lokubulawa kwakhe? (2)

6.1.7 Inkosi yayalela ukuba kwenziwe ntoni emva kokuva ngecebo lokubulawa kwayo? (2)

6.1.8 Chaza isiphumo salo myalelo wenkosi uwubhale ku-6.1.7. (2)

6.1.9 Chaza isizathu sokuba uJobe ayeke isihlalo sobukhosi ekugqibeleni. (2)

6.1.10 Ngubani owangena kwisihlalo sobukhosi emva koNkosi uJobe? (1)

**KUNYE**

6.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| IHASHE: | Gqabadu, gqabadu, gqabadu. *(Zavakala izingqi zehashe.)* |
| UMBANGAMBI: | Nantso (*esitsho busebeza*)! |
| INKOSIKAZI: | Shiik! Yithi cwaka. |
| UDINGISWAYO: | Ngqwaba, ngqwaba yemuka nayo uyiyenge ngani? Uyiyenge ngani? |
| UMBANGAMBI: | Tyhini! Ngathi lilizwi likaNgodongwana nje elo? Sasibizana ngolo hlobo sisakhula. |
| UDINGISWAYO: | Ngqwaba, ngqwaba! Yemuka nayo uyiyenge ngani? Vela mfondini, vela ntang'am. |
| UMBANGAMBI: | (*Waphuma phandle, baphuma nabantu ezindlwini)* Awu! Nithi nguye kanye kanye uNgodongwana? Molo Maan, molo ntang'am. Nguwe ncam? |
| UDINGISWAYO: | Ndim uqobo. Khangela ethangeni apho umkhonto wahlaba khona mhla sahlaselwa phaya phezu koMfolozi emdudweni. Ndasinda ke apho ndasabela kwelamaHlubi. Bendilapho ke lonke eli xesha. |
| UMBANGAMBI: | Yintoni leya itya ingca? Le yona? Kwekh! Mfondini andisavuyi ngakho! Ayilumi ke le nto uze nayo? Heyi, mfondini luphawu lobukhosi olu lusemlenzeni. |
| UDINGISWAYO: | Ndibuyile ngoku ndize kuphatha isizwe sabaThethwa. |

6.2.1 Chaza uvakalelo lukaMbangambi nolwenkosikazi yakhe ekuqaleni kwesi sicatshulwa, uxhase impendulo yakho ngokubhekiselele kwisicatshulwa. (2)

6.2.2 Caphula kwesi sicatshulwa igama ELINYE elibonisa isandi sokuphala kwehashe. (1)

6.2.3 UDingiwe uve amadoda amabini ethetha ngantoni phezu kweGqili? (2)

6.2.4 UMbangambi uyintoni kuDingiswayo? (1)

6.2.5 Nika isizathu sokuba abantu bazivalele ezindlwini. (2)

6.2.6 Ucinga ukuba kutheni uDingiswayo ebonisa uMbangambi ithanga lakhe? (2)

6.2.7 Bhala ezi ziganeko ngokulandelelana kwazo kule drama, ukusukela ku-A ukuya ku-D.

Umzekelo: C, D, A, B

A UMawewe uyabulawa.
B UDingiwe ufumana uNgodongwana phantsi komthi.
C UCowan ufundisa uDingiswayo ngobuchule bokulwa.
D UNodunge uncokola neendlavini etywaleni. (4)

6.2.8 Ngoobani abahlasele oonyana benkosi emdudweni? (1)

6.2.9 Yayingubani inkosi yamaHlubi? (1)

6.2.10 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
UDingiswayo wachitha ixesha elingakanani kwelamaHlubi?

A Unyaka omnye.
B Iminyaka emihlanu.
C Iminyaka emithathu.
D Iminyaka emine. (1)

6.2.11 Nika izizathu EZIBINI ezibangele ukuba uDingiswayo afune ukubuyela kwelabaThethwa. (2)

6.2.12 Ngubani unyana wendlu encinane kaJobe? (1)
**[40]**

**UMBUZO 7: *UHOLIDE EBIWEYO* – J WILLIAM NO-T NTSHINGA**

7.1 Funda esi sicatshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA J**

Ngokuqinisekileyo le moto yayijike ngenye yezo ndlela zingena emizini. URobert waqwalasela yonke imizi. Wawumnye umzi owawubiywe ngodonga lwesamente. Lwalulude lurhanqe iyadi yonke. URobert waya eludongeni. Intliziyo yakhe yayingongoza esifubeni. Lwalulude udonga kangangokuba kwafuneka azonyuse ngeengalo ukuze abe nokukroba ngaphaya. Zazininzi iimoto eyadini. Enye yayifana nqwa neyakhe, kodwa yayingekho luhlaza.

Yayimaruni. Kwaye yayingenazinombolo! Laa moto isilivere ibisandul'ukudlula yayimise ngakule imaruni. Kukho owayesel'ekhupha iinombolo! Kufuneka ndazise amapolisa, wacinga njalo uRobert etsibela endleleni esecaleni. Kodwa weva ngento elukhuni imtyhiliza ngasemva. 'Yintoni ke ngoku le?' latsho ilizwi elikhohlakeleyo ngasemva kwakhe. 'Kufanele wazi ukuba ukuthand'izinto ezikude nawe kuyabulala, mhlekazi.'

7.1.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
Yayiyimoto kabani le moto isilivere?

A Yimoto kaRobert.
B Yimoto yabakhenkethi.
C Yimoto yengqonyela yamapolisa.
D Yimoto kaBuso-bukrwentshiweyo. (1)

7.1.2 Ngoobani aba babefuna ukuba le moto? (1)

7.1.3 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba uRobert wayesoyika ukuya kwakhe eludongeni. (2)

7.1.4 Kwakutheni ukuze uRobert aye kule ndlu inodonga oluphezulu? (1)

7.1.5 Xela ukuba nguwuphi umlinganiswa othethe la mazwi: 'Kufanele wazi ukuba ukuthand'izinto ezikude nawe kuyabulala, mhlekazi.' (1)

7.1.6 Ucinga ukuba kutheni udonga lwendlu lwakhiwa lwalude? (2)

7.1.7 Chaza ukuba kwakutheni ukuze ibe nombala omaruni imoto kaRobert. (2)

7.1.8 Chaza izinto EZINTATHU ezazisenzeka kwigaraji eseyadini emva kokubanjwa kukaRobert. (3)

7.1.9 Nika isizathu sokuba uRobert anqwenele ukuba amapolisa abekho ngeli xesha abona iimoto ezininzi eyadini. (1)

7.1.10 Chaza ukuba ibiwe njani iholide yosapho lukaRobert kule ncwadi. (2)

7.1.11 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho echanekileyo kuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (e) = (vii)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Asibathandi abantu abathand' iindaba. | (i) Ipolisa |
| | (ii) UAndrew |
| (b) Andisadinwanga nje tata. Andifuni kuya ezivenkileni. | (iii) UBuso-bukrwentshiweyo |
| (c) Nceda khangela abantwana. | (iv) Elizabeth |
| | (v) UGrace |
| (d) Siza kuba lapho ngokukhawulez'okukhulu. | (vi) Indoda yasebhankini |

(4)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

URobert wathatha imali wajika. Kwakukho enye indoda emva kwakhe ngqo. Yagila uRobert laza lawa phantsi ikhadi lebhanki likaRobert. 'Owu uxolo,' yatsho le ndoda ichola ikhadi likaRobert. 'Enkosi,' watsho uRobert efaka ikhadi lakhe epokothweni. URobert noGrace babeza kuthenga ukutya okuninzi. UAndrew wahamba nabo eqhuba itroli. UGrace wayeqwalasela ngocoselelo ixabiso lento nganye phambi kokuyifaka etrolini. 'Ndixhinele ukuba siphinde,' watsho uAndrew ngeli lixa balinde ukubhatala.

Ndiza kuphinda ndidade kwakhona. URobert wancuma waqobela uGrace iliso. Babevuya xa abantwana bonwabile. Emva kokuhlawulela ukutya, uAndrew waqhuba itroli ukubuyela apho babeshiye khona imoto. URobert wema ngesiquphe. 'Imoto,' watsho. 'Iphi imoto.' Kwakungekho nto kwindawo ababeyishiye kuyo.

7.2.1 Chaza isizathu sokuba uRobert atsale imali kumatshini webhanki ngale mini. (2)

7.2.2 Bangaphi abantwana bolu sapho luya eholideyini? (1)

7.2.3 Wayephi uElizabeth noMichael ngeli xesha kuthengwa ukutya? (1)

7.2.4 Ingaba esi sicatshulwa sebali sibonisa ubomi basedolophini okanye basezilalini? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.5 Chaza isizathu sokuba uGrace aqwalasele ixabiso lento nganye phambi kokuyifaka etrolini. (1)

7.2.6 Ingaba le ndoda igila uRobert yamgila ngempazamo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.7 Kwakutheni ukuze uRobert ancume aqobele uGrace iliso? (1)

7.2.8 Kwakutheni ukuze uRobert eme ngesiquphe emva kokuphuma esuphamakethi? (2)

7.2.9 Nika isizathu sokulila kukaGrace emva kokuphuma kwakhe esuphamakethi. (1)

7.2.10 Wenza ntoni uRobert emva kokushiya usapho lwakhe ngaphandle esuphamakethi? (1)

7.2.11 Kwenzeke ntoni ebantwaneni emva kokubonwa kwabo ngamasela emotweni? (2)

7.2.12 Bhala ezi ziganeko ngokulandelelana kwazo kule drama, ukusukela ku-A ukuya ku-D.

Umzekelo: C, D, A, B

A Usapho luyahamba-hamba ngaselwandle.
B Bayafika elwandle bothule imithwalo yabo.
C UMichael ugilwa yindoda.
D URobert uchazela usapho lwakhe ukuba baya eholideyini. (4)
**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 120**